

ISIBHENGEZO

“**IZISELE ZENYATHI**” – eli liphulo likaZwelonke lokuchonga abantu abazisele zenyathi abanekhono okanye ulwazi olunqabileyo nabanegalelo elikhulu kuyo nayiphi inkalo eyimizamo yabantu.

Eli likhwelo kulo lonke uluntu ukuba lutyumbe umntu/abantu kuluhlu lwabantu abazisele zenyathi. Ezi zisele zenyathi kufanele ukuba ibe zezona zenza indima ephambili ukukhusela ilifa lemveli loMzantsi Afrika elingenakho ukubanjwa ngezandla njengovimba onexabiso apho izizukulwana ezizayo zingadimbaza khona nokukhulisa ubuAfrika obububo kwimeko yentlalo noqoqosho lwehlabathi eguqukayo ekuhlangabezaneni nemiba yongquzulwano ephakathi kwamasiko nezithethe kunye nempucuko.

Ezi nkalo zintlanu zimi njengesalathisi ekuchongweni kwezisele zenyathi:

- UNcwadi lweMveli (amabali nentsomi) kunye nezithetho kuquka iilwimi (iilwimi ezinqabileyo nezifayo) njengenqwelo yokuhambisa iNkcubeko yeLifa leMveli elingabBanjwayo ngesandla (ICH).
- UBugcisa baseQongeni (*ingoma, umculo, umdaniso, umdlalo weqonga, imibongo nokulinganisa iindlela abantu nezilwanyana abenza ngazo izinto*).
- IMicimbi yeNkcubeko, imicimbi yesintu neminyhadala (*amasiko, ukufikisa, umtshato nokufa, imixhentso yemvula nemigcobo, nemigidi, ukwaziswa kwenxiwa, umsitho wolibo, ukuthanjiswa nokubekwa kwabasebukhosini, imitshato, amabutho aya emfazweni*).
- Ulwazi neenkqubo eziphathelene nendalo nenzaliseko yayo (*Ufundo ngenzaliseko yendalo, imozulu noqikelelo lwayo, amagama eentsuku, iinyanga zonyaka, iminyaka yekhalenda namaxesha onyaka*).
- UBugcisa beMveli (*Umsebenzi wokuChwela, ukuBumba, ukwenza izixhobo zengca nokwenza izinto ngesinyithi. Ubuchule bokwakha izindlu, amaChiza eMveli, ukuBelekisa ngokweMveli nokufuya, ukwenziwa kweZidlo neZiselo, iindlela zokulima nokulondoloza izilimo, ukulanda uMkhondo, ukuzingela nokuqokelela*)

IMIMISELO:

Ifomu yokutyumba kufuneka ihambe nezizathu ezipheleleyo ezichaza indlela athi umntu ngamnye otyunjweyo alenze liphile kwaye ligcinakale ngayo ilifa lemveli kwindawo ahlala kuyo, iindlela athi umtyunjwa abe negalelo ngayo kwiinkqubo ezibonakalayo ukuvuselela inkqubo yenkcubeko, esecicini lokuba ibhange iphele. Nika ubungqina bezakhono nobuchule abusebenzisayo. Nika ubungqina obumandla bemvela phi yabo ngokwenkqubo yenkcubeko yoluntu oluchaphazelekayo.

Igqiza labachongi abazimeleyo baya kukhetha izicelo ezithe zafunyanwa kuze kuchongwe abantu abalishumi abaya kufotwa kananjalo nendlela ababusebenzisa ngayo ubuchule babo erekhodiweyo.

Iifomu zokutyumba zifumaneka eProtea Assurance Building, Greenmarket Square, Cape Town okanye zinokucelwa kuBukeka Sam kule imeyili: Bukeka.Sam@westerncape.gov.za. [Nayiphi imibuzo ithunyelwa kuye ku-](#) 021 483 9606.

Iifomu ezigcwalisiweyo zingasiwa eProtea Assurance Building, 3rd floor Greenmarket Square Cape Town okanye zithunyelwe ngeposi kwi-Private Bag X9067 Cape Town 8000

Umhla wokuvala ukungeniswa kwamagama atyunjiweyo: nguLwesihlanu wama- 29
kweyoMqungu 2016